ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Phagan Abrahams**
ICandelo loLawulo lokuThengwa kweeMpahla neeNkonzo
Phagan.Abrahams@westerncape.gov.za | 021 467 2762

URhulumente weNtshona Koloni

Inombolo yefayili: 5/1/P
Isalathiso: 20250326-546

ISetyhula: 0011/2025
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), nakwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko (KwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili),

Isishwankathelo esifutshane: *Ukuhlaziywa kwe-Accounting Officer's System, i-Supply Chain Management Delegations ne-Addendums kwi-Accounting Officer's System ezisebenza kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni.*

**ISihloko:** ***Ukuhlaziywa kwe-Accounting Officer's System, i-Supply Chain Management Delegations ne-Addendums** **kwi-*****Accounting Officer's System***

1. Le setyhula yenzelwa ukukhupha ii-*Accounting Officer's System (AOS), i-Supply Chain Management (SCM) Delegations ne-Addendums* kwi-*AOS* ezivunyiweyo ezisebenza kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*). I-*AOS*, i-*SCM Delegations ne-Addendums kwi-AOS* zeSebe i-WCED zivunywe nge-17 Disemba 2024 yaye ziya kuqalisa ukusebenza nge-01 Apreli 2025.

2. ISebe i-*WCED* malilandele mbo iSahluko 16A se-*Western Cape Provincial Treasury Instructions (PTIs),* eyakhutshwa ngowe-23 Septemba 2019 neyaqala ukusebenza ukususela ngowe-01 Oktobha 2019.

3. Umhlathi 3.1.1 weSahluko 16A se-*PTIs* ucacisa ukuba "*igosa elimele ukuphendula ngosetyenziso lwemali okanye abasemagunyeni ekusetyenzisweni kwemali beziko ekusebenza kulo le Miyalelo, mabenze, barekhode, balondoloze yaye baphumeze isistim esebenza ngempumelelo yolawulo lwesisitim yoqhagamshelwano nabathengi nabathengisi*".

4. Ngokwesiqendu 38(1)(a)(iii) soMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999, (uMthetho 1 ka-1999) (*Public Finance Management Act, 1999 (Act 1 of 1999):*
   (1) "*igosa elimele ukuphendula ngosetyenziso lwemali (accounting officer) lesebe, le-entithi yorhwebo (trading entity) okanye leziko i-constitutional institution—*
      *(a) maliqinisekise ukuba isebe okanye i-entithi yorhwebo okanye iziko*

*i-constitutional institution, linayo yaye liyayilondoloza—*

*(iii) isistim efanelekileyo yokuthengwa nokubonelelwa kweempahla neenkonzo eyenziwa ngobulungisa, esekuhleni nekhuthaza ukhuphiswano neyonga iindleko;*".

5. ISistim i-*AOS* yenziwa ngokungqinelana nale miyalelo ikhankanyiweyo ye-Ofisi kaNondyebo wePhondo ne-*PFMA* ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemigqaliselo yayo.

6. ISebe i-*WCED* ngamathuba athile malizijongisise ii-*AOS*, i-*SCM Delegations ne-Addendums* kwi-*AOS,* ukuqinisekisa ukubasemthethweni nokugqibeka kwazo.

7. Niyacelwa ke ngoko ukuba niqinisekise ukuba onke amagosa, kubandakanywa iipraktishina ze-*SCM,* ii-*SCM Champions* kumasebe achaphazelekayo, kumaCandelo oLawulo aziiNtloko nakumacandelo azilandele mbo iinkqubo ze-*SCM* ezivunyiweyo ngokungqinelana ne-AOS, i-*SCM Delegations ne-Addendums* kwi-*AOS.*

8. I-*AOS*, i-*SCM Delegations ne-Addendums* kwi-*AOS* ziya kusebenza ukususela nge-01 Apreli 2025. Zonke iinguqulelo zangaphambili ezivunyiweyo ziyatshitshiswa ngokwenjenje.

9. Kucelwa kwaziswe okuquluthwe kule setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2025-04-01


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department